67 Church Street, Mt Ayliff, 4735
Tel: +27 (0)39 254 6000
Fax: +27 (0) 39 255 0167
Web : www.umzimvubu.gov.za

UMZIMVUBU
LOCAL MUNICIPALITY

813 Main Street , Mount Frere
P/ Bag 9020, M t Frere , 5090
Tel: +27 (0)39 255 8500 /166
Fax: +27 (0) 39 255 0167

# ISAZISO SESICELO SOGUNYAZISO LOKUSINGQONGILEYO
# INKQUBO YOKUTHATHA INXAXHEBA KULUNTO

## ISINDULULO SOKUGUQULWA KWELAYISENSI YENDAWO YOKULAHLA INKUNKUMA YAKWABHACA KUMASIPALA WASEMZIMVUBU, KWIPHONDO LEMPUMA KOLONI

Ngesi sbhengezo kwaziswa, ngokwemigaqo ye-Environmental Impact Assessment Regulations, 2014 (njengoko ishicilelwe), eyabhengezwa phantsi kwe-National Environmental Management Act, 1998 (uMthetho No. 107 ka-1998) (NEMA), ukuba uMasipala waseMzimvubu, njengomFaki-sicelo, uzimisele ukwenza iinkqubo ezifunekayo zokufumana ugunyaziso lokusingqongileyo (Environmental Authorisation) kunye nelayisensi yolawulo lwenkunkuma (Waste Management Licence) ukuze kuguqulwe ilayisensi ekhoyo yeNdawo yokuLahla iNkunkuma yaKwaBhaca.

INdawo yokuLahla iNkunkuma yaKwaBhaca ngoku igunyaziswe phantsi kwemvume ekhutshwe ngokwe Environment Conservation Act, 1989 (uMthetho No. 73 ka-1989) (ECA). Umfaki-sicelo uzimisele ukuguqula olu gunyaziso lukhoyo lube yi-Waste Management Licence (WML) ngokuhambelana ne-National Environmental Management: Waste Act, 2008 (uMthetho No. 59 ka-2008) (NEMWA) kunye neminye imithetho esebenzayo yokusingqongileyo.

### IINKQUBO ZOKUSINGQONGILEYO EZIZA KUQHUTYWA

Ngokumalunga noku kungasentla, umfaki-sicelo uzimisele ukwenza ezi nkqubo zilandelayo ezifunekayo:

- Isicelo sokuguqula ugunyaziso olukhoyo lwendawo yokulahla inkunkuma, ukusuka kwimvume ye-ECA ukuya kwi Waste Management Licence (WML) ngokwe-NEMWA.

### INDAWO

INdawo yokuLahla iNkunkuma yaKwaBhaca imi kwicala lasentshona yaKwaBhaca, malunga neekhilomitha ezi-2.5 ukusuka kwi-N2, ngaphakathi kuMasipala waseMzimvubu, kwiPhondo leMpuma Koloni.

### UKUTHATHA INXAXHEBA KOLUNTU

Ngesisibhengezo kwaziswa ukuba kuza kuqhutywa inkqubo yokuthatha inxaxheba koluntu ngokwe Sahluko 6 se-Environmental Impact Assessment Regulation 982 (2014), njengoko ishicilelwe ngo-Aprili 2017, eyabhengezwa phantsi kweCandelo 24 le National Environmental Management Act, 1998 (uMthetho No. 107 ka-1998). Ukuba unomdla kwaye/okanye uyachaphazeleka sesi siphakamiso seprojekthi, uyamenywa ukuba ubhalise njengomntu onomdla okanye ochaphazelekayo (Interested and Affected Party – I&AP) kwaye ungenise naziphi na izimvo, iinkxalabo okanye ulwazi olunxulumene nesi siphakamiso seprojekthi. Abantu ababhaliswe njengabaququzeleli abanomdla nabachaphazelekayo (I&APs) baya kwaziswa ngamanye amathuba okuthatha inxaxheba kuvavanyo lokusingqongileyo nakwinkqubo yokuthatha inxaxheba koluntu.

**Umhla wokugqibela wokubhalisa njengomntu onomdla okanye ochaphazelekayo (I&AP): 10 EyoMsintsi 2026**

**IINKCUKACHA ZESAZISO**
**Umhla weSaziso:** 20 Eyethupha 2026
**UmFaki-sicelo:** Umzimvubu Local Municipality
**Umcebisi wokusingqongileyo / EAP:** Zebhi Institute
**Umntu ekuqhagamshelwana naye:** Onwaba Tembela
**Inombolo yeselula:** 073 890 0910
**I-imeyile:** onwba.tembela@environmate.co.za; tembelaonwaba@gmail.com
**INTLANGANISO IZA KUQHUTYWA:**
**Umhla:** 18 EyoMsintsi 2026
**Ixesha:** 11h00
**Indawo:** KwaBhaca Town Hall